

Ingcebiso ezilula zokonga imali



Cwangcisa indlela yokonga

- Yenza uhlahlo lwabiwo mali ugcine indlela ochitha ngayo imali.
- Faka imali oyongayo kuhlalho lwabiwo mali lwakho.
- Cwangcisa injongo zakho zokonga zexeshana elincinane, elidana kunye nelide.

Yongela umhlalaphantsi

- Qala wongele umhlalaphantsi ngokuqinisekileyo ukusukela ngomhla oqala ngawo umsebenzi wakho wokuqala.

ukongela abantwana bakho

- Fundisa abantwana bakho ukonga bebebancinane.
- Qalisa ukongela imfundo yabantwana bakho besazalwa.

Yehlisa inkcitho yakho yezinto zasekhaya

- Cima zonke izibane kumagumbi angenamntu ukwehlisa ityala lombane.
- Thabatha indlela yokuhlamba emfutshane ishawari ezimane zisima xa zivulela amanzi ukuze wehlisele ityala lamanzi.
- Xa upheka sebenzisa imbiza elingana nepleyiti yesitovu ukuze wonge amandla ombane.
- Xa ubilisa amanzi okwenza ikofu okanye iti, galela amanzi awonele ikomityi kuphela okanye wenze umlinganiselo ozokogquma ucingo lweketile (i-element). Gcina amanzi ashiyekileyo kwiflaskhi ukuze uwasebenzise kamva.

Ingcebiso ezithe vetshe malunga ngokonga ngena kule webhusayithi
www.westerncape.gov.za/general-publication/10-ways-save-money

Ukufikelela kwinjongo zakho zokonga
UBAMBISWANO NGAMANDLA.



URhulumente
weNtshona Koloni
UPhuhliso loQoqosho
noKhenketho

UBAMBISWANO NGAMANDLA.

Usifaka kanjani isikhalazo somthengi



Ukuba ngaba awoneliseki yinto oyithengileyo okanye iinkonzo ozihlawuleleyo lilungelo lakho njengomthengi ukuba ukhalaze.

Okokuqala buyela kwishishini elo:

- Xela eyona ngxaki unikeze ubungqina obunjengomonakalo kwinto leyo ubuyithengile, okanye incwadi yesivumelwano noba zi resithi. Xa usebenza ngamaxwebhu gcina oondoqo bawo uze usebenze kuphela ngeekopi zawo.
- Qhakamshelana neshishini elo ubusebenzisana nalo ngokukhawuleza.
- Ingaba isikhalazo sakho siyakhuselwa ngumthetho wokukhusela abathengi?
- Cacisa indlela ofuna ukuba isikhalazo sakho sisonjululwe ngayo.
- Qala ngokuzama ukusombulula inyewe kunye nomntu ngqo lo onoxanduxa lokuthengisa.
- Ukuba lo ndlela ayiphumeleli thetha nomphathi okanye umntu omele iinkonzo zabathengi.
- Bhala amanyathelo akho umzekelo igama lomntu othethe naye, umhla nexesha.

Kwenzeka ntoni xa ngaba amalinge akho okusombulula ingxaki neshishini awaphumeleli?

- Qhakamshelana okanye faka isikhalazo sakho kwi ofisi yokhuseleko lwabathengi ngenye yezindlela zilandelayo:
- Tsalela inombolo yasimahla engu 0800 007 081. Yinombolo yasimahla le.
- Thumela u-please call me kwinombolo engu: 079 769 1207
- Tyelela I ofisi yokhuseleko lwabathengi kumgangatho osezantsi eWaldorf Arcade kwanombolo 80 kwi Mall i-St Georges eKapa.
- Sibhalele: incwadi zithunyelwa kwidilesi ethi: PO Box 979 Cape Town, 8000
- Thumela ifekisi ku: 021 483 5872
- Imeyilela ku: consumer.protector@westerncape.gov.za
- Abacebisi bezentengiso abaqeqeshiweyo baya kumamela isikhalazo sakho baze bathabathe inyathelo endaweni yakho ukwenza iilinge lokusombulula isikhalazo sakho.

Sombumbulula isikhalazo sakho sokuthenga
UBAMBISWANO NGAMANDLA.



URhulumente
weNtshona Koloni
UPhuhliso loQoqosho
noKhenketho

UBAMBISWANO NGAMANDLA.